## ICANDELO C

**Imigangatho emiselweyo yokukhutshwa kweembasa:**
**Zonke izicelo ezingenileyo ziza kuvavanywa ngokwale migangatho nemiqathango ilandelayo:**

1. Ukufikelela nokubandakanywa kweendawo ezihlelelekileyo (10 amanqaku)
    - Injongo yenkqubo iAfter School Programme kukuvala umahluko phakathi kweentsapho ezimivuzo iphezulu nezimivuzo iphantsi
    - Iqumrhu elingabalawuli bezikolo lihlala likhangela amathuba okufumana amahlakani anokuncedisa ukukhawulelana okanye ukuphungula iindleko zabafundi abajoyine i-ASP
    - I-ASP ikuthathele ingqalelo ukuhamba ngokwekharityhulamu nemixholo (ebandakanya izinto ezichaphazela ingqondo nentlalo) eziimfuno zabafundi beendawo ngeendawo ezahlukeneyo nezahlukileyo
2. Abaxhasi be-ASP (10 amanqaku)
    - Indima yenkokeli ekuqinisekiseni ukuba kuyaziwq nge-ASP
    - Indima yenkokeli ekuqondiseni ngemfuneko nenzuzo yeenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo ezisemgangathweni
3. Ukubonelelwa kweenkqubo ezisemgangathweni ezahlukeneyo ze-ASP (10 amanqaku)
    - Ubukho be-ASP enezinto ezahlukeneyo ezinika umdla nezijongene nophuhliso ngokupheleleyo lomfundi wesikolo(imidlalo, ezobugcisa nenkcubeko, izifundo nezakhono zobomi)
    - Ukukhuthaza iinkqubo ezingqamene nomfundi nezimakhayo ukuze azithembe kwaye akwazi ukumelana nezinto
4. Igalelo le-ASP kwindlela nomoya yokuziphatha (10 amanqaku)
    - Inkokeli ibakhuthaza njani abafundi noogxa bayo ukuba bathathe inxaxheba kwi-ASP
    - Inkokeli iyisebenzisa njani i-ASP ukukhuthaza ukubandakanyeka kwabanye
    - Inkokeli ikuxhasa njani ukuphuhliswa nokuxhotyiswa kwabantu abaqhuba i-ASP eza neziphumo ezineempembelelo ezintle kwiinkqubo ze-ASP
5. Amahlakani entsebenziswano (10 amanqaku)
    - Ubukho bentsebenziswano kumsebenzi wokubonelela nge-ASP – phakathi kwesikolo nabahlali/ii-NGO/ amashishini azimeleyo/ njlnjl
    - Unxibelelwano oluthe gqolo nolungatshintshiyo phakathi kwamahlakani entsebenziswano kunye nabathathi-nxaxheba ukuphucula ulwazi lwabafundi, ukubaxhobisa ngesakhono sokukwazi ukuthatha izigqibo ezifanelekileyo nokuzibandakanya kwi-ASP
6. Iimpembelelo ze-ASP kubafundi neentsapho zabo (10 amanqaku points)
    - Loo ndlela isikolo esiza kuwubona ngayo umahluko kunye neesistimu ezidizayiniweyo eziza kulandela zithathe imilinganiselo yalo mahluko neempembelelo
    - Ukuphuhla nokwakheka kwabafundi abaza kwenza izinto ezibonakalyo ezilulutho eluntwini
    - Ukuphucuka kwenani labafundi abangasiyeki phakathi isikolo
    - Ukuphucuka kwendlela abaqhuba ngayo esikolweni abafundi ekujoliswe kubo (ngonyaka)
    - Amabhaso/iimbasa zabafundi

## Amaxwebhu afunekayo:

### Ifomu A: Ifomu yokuxhasa nobungqina obuxhasayo:

- Inkxaso ebhaliweyo ngokwemiqathango emithandathu;
- Ubungqina obubhaliweyo obusuka koogxa okanye kwabo bebefuna inkonzo;
- Umzekelo wenkqubo yosuku/yeveki okanye iirejista zabo bebekho okanye bebezile kwezi nkqubo
- Iifoto okanye amanqakwana eendaba (amanqaku abhalwe kwiimagazini nakumaphephandaba) ukubonisa ukuba le nto iyaziwa.

### Ifomu B: Ifomu yokuzithethelela

- Nceda ubhale amagama okuzithethelela ukuxhasa isicelo sakho sokuba ufakwe kwelo Candelo leeMbasa ulikhethayo (amaphepha amahlanu (5) ubuninzi aqulethe ezo zinto zibubungqina umz. Iileta, iifoto, njlnjl).

### Ubhengezo nokutyikitya

**Mna ndiyavuma / Thina siyavuma ukuba iinkcukacha ezifakwe kolu xwebhu kunye nezinye ezixhasayo zichanekileyo kwaye zindibophelela ngokusemthethweni.**

| | |
|---|---|
| **Umtyumbi** | |
| **Amagama apheleleyo** | |
| **Makatyikitye apha** | |
| **Umhla** | |

| | |
|---|---|
| **Umtyunjwa** | |
| **Amagama apheleleyo** | |
| **Makatyikitye apha** | |
| **Umhla** | |

## Ifomu A: Ifomu exhasayo

1. Ukufikelela nokubandakanywa kweendawo ezihlelelekileyo (10 amanqaku)
    - Injongo yenkqubo iAfter School Programme kukuvala umahluko phakathi kweentsapho ezimivuzo iphezulu nezimivuzo iphantsi
    - Iqumrhu elingabalawuli bezikolo lihlala likhangela amathuba okufumana amahlakani anokuncedisa ukukhawulelana okanye ukuphungula iindleko zabafundi abajoyine i-ASP
    - I-ASP ikuthathele ingqalelo ukuhamba ngokwekharityhulamu nemixholo (ebandakanya izinto ezichaphazela ingqondo nentlalo) eziimfuno zabafundi beendawo ngeendawo ezahlukeneyo nezahlukileyo

## Iinkcukacha gabalala:

### Intshayelelo

INkqubo iAfter School Game Changer lungenelelo olubalulekileyo lokuxhobisa abafundi ngezinto eziza kubahambisa indlela elulutho eya ebuntwini obudala. Yongeza kubomi babo bemfundo ngokubabonelela ngendawo ekhuselekileyo, enezinto ezinomdla abazenzayo nebakhuthazayo sakube siphumile isikolo. Le yindawo ethi ngenxa yendlela elungiselelwe ngayo ibenze bakhululeke babone izinto ezinokutsala umdla wabo sele bengekho phakathi emagumbi okufunda. Ngokwenza njalo, le Nkqubo inguvulindlela iza kubakha abafundi de bazithembe kwaye ibavulele amathuba okuba ingomso labo liphuhle nangakumbi.

URhulumente weNtshona Koloni uneenjongo ajolise kuyo ayibekileyo ekukuba adlule ngaphaya kwenani eliphindwe kabini labafundi abathatha inxaxheba kule Nkqubo abaphuma kwizikolo ezihlelelekileyo, kwaye uza kuqinisekisa ukuba uya kuthi efika unyaka ka-2019 abe sele ezenze zanomtsalane ngakumbi kwaye zisemgangathweni ophakamileyo ezi nkqubo.

INkqubo enguvulindlela yasemva kwesikolo iAfter School Game Changer ijolise kwezi ziphumo zilandelayo:

- Ukutshintshela iingqondo zabafundi kwicala elihle ngemfundo yabo
- Ukuphucuka kweziphumo zezikolo
- Ukungayeki phakathi kwabafundi isikolo
- Ukuphucuka kweziphumo zematriki
- Ukunciphisa amathuba okuziphatha ngendlela engamkelekanga, engeyiyo

Amakhulu-khulu eenkokeli zezikolo, imibutho nootitshala basebenza bebonakalisa ukungadinwa beqinisekisa ukuba abafundi baseNtshona Koloni bafumana imfundo eyongezelelweyo. Amathuba abonelelwa ngokuzibandakanya abafundi kwezemidlalo, ezobugcisa, ezenkcubeko, ilitheresi, inyumeresi nenkxaso kwimfundo yabo. Inkokeli eyomeleleyo nezinikeleyo ke ixhomekeke kwimpumelelo yoninzi lwezi nkqubo. Uvulindlela wezikolo lo iAfter School Game Changer kunye nehlakani esisebenzisana nelikhuthaza ukomelezwa kwezi nkqubo zasemva kwesikolo, egama kuthi yi-The Learning Trust, lizimisele ukulwamkela olu hlobo lobunkokeli nogqweso ngokuwonga abo bafanelekileyo.

Le mbasa yimbasa yephondo. Umtyunjwa ophumeleleyo uza kuwongwa kuMsitho wePhondo weeMbasa zeSizwe zooTitshala ngokuhlangeneyo ojongo yawo ikukuqaqambisa ugqweso ekuhlohleni, ubunkokeli, imfundoi ephuculwa ngosetyenziso lwethekhnoloji, imathematika kunye nesayensi.

### Imbasa

- Abaphumeleleyo baza kuzuza indebe ejikelezayo kunye nebhaso lemali elingama-R20 000.00, endaweni yesibini libhaso lemali elingama-R10 000.00 ze kweyesithathu indawo ibhalo lemali libe ngama-R5 000.00 eza kunikwa isikolo/ iziko lemfundo. Imali leyo ingasetyenziselwa uphuhliso kwinto ethile, i-ICT, izixhobo zokufunda okanye izixhobo zesikolo/ iziko elo, nto leyo iya kuphucula indlela yokufundisa kwaye incedise ukuba kubekho ezinye izinto ezifakelwayo kwinkqubo kavulindlela yasemva kwweisokolo esikolweni eso okanye ezikweni elo lemfundo.

### Iinkqubo ezilandelwayo nemigaqo

- IMbasa yoBunkokeli obuGqwesileyo: After School Programming yimbasa enewonga elilodwa ekutshwa ngumphathsiwa phantsi weSebe lemfundo leNtshona Koloni neAfter School Game Changer.
- Abatyunjwa abakhethiweyo baza kubizelwa udliwanondlebe phakathi neQela labagwebi ephethwe yiNtloko yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye nalowo ukhokela iAfter School Game Changer. Emva kodliwanondlebe baza kuhanjelwa ezikolweni zabo abagqatswa.
- Ophumeleleyo ephondweni uya kwaziswa nguMphathiswa wePhondo kweyenkanga 2017.

**Inkqubo yotyumbo**

- Amaqela abaphathi bezikolo, iifise zezithili kunye namahlakani entsebenziswano angaphandle kwiAfter School Programme anelungelo lokunika amagama abatyunjwa;
- Kufuneka libe liyahaswa nayi-SGB igama elo lityunjiweyo;
- Akube ekhethiwe ke umtyunjwa lowo, makugcwailswe ifomu ze iqhotyoshelwe okanye ikhatshwe ngawo onke amaxwebhu afunekayo

**Abafanelekileyo**

- Yinqununu/ isekela-nqununu kwisikolo esiphantsi kolawulo lukarhulumente esibhaliswe kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni;
- Ngoqeshwe liSebe leMfundo leNtshona Koloni, iQumrhu elilawula isikolo i-SGB eNtshona Koloni
- okanye yikomiti yolawulo yeZiko eliyi-Partial After Care Centre eNtshona Kloni;
- Yinqununu/ isekela-nqununu kwisikolo esiphantsi kukarhulumente;
- Ngonisiqinisekiso seSACE okanye obhaliswe okwexeshana.

**Izikhokelo zendlela yokufaka izicelo nemigaqo**

- Izicelo maziqhotyoshwe ngesiteyipla okanye zenziwa buncwadana ukuze zifundeke lula.
- Iifomu zezicelo mazigcwaliswe ngokuchanekileyo, zibhalwe ngamagama apheleleyo, ngokulandelelanayo, kunikwe iinkcukacha ezifanelekileyo ezinika ingcaciso kangangoko.
- Akukhuthazwa ke ukuba kufakwe izicelo ezibhalwe ngesandla; kambe ukuba akukho ndlela yimbi, zingafakwa zibhalwe ngesandle eso kodwa obhala ngesandla makaqinisekise ukuba iyafundeka into ayibhalileyo.
- Kuza kwamkelwa kuphela izicelo ezithunyelwe ngeimayili, eziposiweyo okanye ezisiswe ngesandla. Izicelo ezifeksiweyo azamkelekanga kwaphela.
- Ubungqina bakhaphe isicelo, umz. Iividiyo, okupapashiweyo, iibhrowutsha, ii-CD/ii-DVD, amanqaku aphua kumaphephandaba (kwaye azizi kubuyiswa ezi zinto).
- Zonke izinto eziza kufakwa mazicace, zithi ngqo emxholweni. Makufakwe kuphela ubungqina obungqamene nalo mcimbi. Igalelo lomtyunjwa malingqinwe zizinto ezibonakalayo.
- Izicelo ezingagqitywana azisayi kunanzwa.
- Iinkcukacha ezibhalwe efomini nezinikwe xa kusenziwa uqinisekiso ziyambophelela lowo uchaphazelekayo.

**Imigangatho**

Imigangatho ekhankanywe kwicandelo 3.

**Uqinisekiso**

Kuza kuqhagamshelwana namangqina xa kusenziwa uqinisekiso.

**Inkqubo yovavanyo nokugweba**

- Iqela labagwebi ababekwe yiNkqubo iAfter School Game Changer kunye nesebe leMfundo leNtshona Koloni liza kuqwalaela izicelo ezifakiweyo nodliwanondlene bnabatyunjwa.
- Isigqibo sabagwebi asijiki.

**Ukungeniswa kwamagama abatyunjwa**

- Iifomu ezigcwalisiweyo mazithunyelwe ngolu hlobo lulandelayo:

(1) Ngeposi kule dilesi:
Directorate: Cape Teaching and Leadership Institute
Private Bag X14,
Kuils River
7579
Mayibhekiswe kuMnu G De Bruyn

(2) Mayisiwe ngesandla kule dilesi
ICandelo loLawulo: Iziko loqeqesho iCape Teaching and Leadership Institute
Admin Building 2, Room 3
New Nooiensfontein Road
Kuils River

Mayibhekiswe kuMnu G De Bruyn

(3) Ngeimeyili kule dilesi ithi Gavin.Debruyn@westerncape.gov.za isihloko sazo sithi: Imbasa yobuNkokeli obugqwesileyo: Inkqubo ye-After School

**Iinkcukacha zoqhagamshelwano**

Inombolo yomnxeba: 021 900 5062 / 021 900 5037

Imibuzo yonke mayibhekiswe kuNksz Bridget Hannah
Inombolo yomnxeba: 021 483 9953/ 084 211 5020
I-imeyili: Afterschool@westerncape.gov.za